



Inombolo yefayili: 20/3/8
Isalathiso: 20240716-5207

Ingcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0012/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela-Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abafundi kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nezeSatifikethi seMatriki

ISihloko: Ukulawulwa kwemiba engayingxaki kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (National Senior Certificate (NSC)) nezeSatifikethi seMatriki (Senior Certificate (SC)) zango-Oktobha/Novemba 2024 nezangoMeyi/Juni 2025

1. Injongo yale ngcaciso imfutshane kukwazisa iinqununu/abaphathi bamaziko eemviwo ukuba mabayiqaphele kwangethuba imiba engayingxaki enokuvela nenokuchaphazela ukuqhutywa kweemviwo ze-NSC neze-SC ngo-Oktobha/Novemba 2024 nangoMeyi/Juni 2025. Ukongeza apho, ziyacelwa iinqununu/abaphathi bamaziko eemviwo baqulunqe isicwangciso sokuqulela okungekehli esiqulethe esiqulethe konke (*a comprehensive contingency plan*) nemasiqale ukusebenza ngethuba lokubhalwa kweemviwo.
2. Kubalulekile ukuba izicwangciso ezifanelekileyo nezineenkukacha ezininzi zokulawula ukuqhutywa kweemviwo ze-NSC/SC zikhokele isigaba sokubhalwa kweemviwo ukuqinisekisa ukuba isikolo/iziko leemviwo liyayithobela imiqathango eziimfuno ezimiselweyo ezizezona zisezantsi zokusebenza njengeziko lokubhalela iimviwo, liphumeze imisebenzi yokuthomalalisa imiba engayingxaki enokuvela nokuqulunqa izicwangciso zokulawula nasiphi na isehlo ebesingalindelekanga (*eventuality*) esinokwenzeka ngethuba lesigaba sokubhalwa kweemviwo. Ziyakhunjuzwa iinqununu/abaphathi bamaziko eemviwo ukuba izicwangciso zokuthomalalisa imiba engayingxaki ekucetyiswa ngazo nezicwangciso zokuqulela okungekehli mazingqinelane neemeko zesikolo.
3. IMimiselo *Regulations Pertaining to the Conduct, Administration and Management of the NSC examinations, 2008*, efakelwe izilungiso ngo-2019, icacisa iimfuno ezimiselweyo ezisisiseko zesikolo/zeziko elisebenza njengeziko leemviwo. Izikolo/amaziko kufuneka azalise isixhobo *i-examination self-assessment compliance audit tool* kwi-CEMIS qho ngonyaka yaye mazikuhlale ukulungela kwazo ukubhalisa

iimviwo ze-NSC/SC. Abaphathi beesekethe baya kuyingqinisisa ingcaciso nedatha yaye mabancedise izikolo/amaziko kwiisekethe zabo ukuba bayithobele ngokupheleleyo imiqathango eziimfuno ezimiselweyo zokusebenza njengeziko leemviwo.

4. Ziyakhunjuzwa izikolo/amaziko ukuba mazamkele uxanduva lokuphendula ngokuqhubekayo ngokupheleleyo kuzo zonke iinkqubo ezinxulumene neemviwo xa zibhalisa iimviwo ze-NSC/SC kwizikolo/kumaziko yaye uxanduva lokuphendula ngokuqhubekayo alunakudluliselwa kwabanye.

5. **Ukuqaphela imiba engayingxaki nokucwangcisa okungekehli ukulungiselela iimviwo ze-NSC/SC**

5.1 Ukulawulwa koviwo oluthembekileyo kwiziko ngalinye kuxhomekeke ekuqatshelweni kwasekuqaleni kwemiba engayingxaki enokwenzeka nakulawulo lwamanyathelo okuthomalalisa ifuthe loku, ukunciphisa okanye ukuphelisa imiba engayingxaki. Ngako oko, kubabulekile ukuba iinqununu/abaphathi bamaziko bayiqaphele le miba ingayingxaki inokuchaphazela iimviwo kwizikolo/kwiziko labo kwangaphambi komhla wokuqaliswa kokubhalwa kweemviwo. Izicwangciso zokuthomalalisa imiba engayingxaki mazicacise amanyathelo othintelo nolawulo aya kusetyenziswa phambi kokuqaliswa kwesigaba sokubhalwa kweemviwo.

5.2 Ukongeza kwisicwangciso solawulo lwemiba engayingxaki sesikolo/seziko, zonke izikolo kufuneka zenze isicwangciso sokuqulela okungekehli esingqinelana neemeko zesikolo/seziko. Isicwangciso sokuqulela okungekehli masihlale sigxile kukhuseleko lwabagqatswa nasekukhuseleni ukuthembeka kweemviwo. Masiquke iiprothokholi emazihlolwe kwimeko yesehlo ebesingalindelekanga.

5.3 Isicwangciso sokuqulela okungekehli masiyichaze ngokucacileyo iprothokholi emayilandelwe xa kufuneka abaviwa bekhutshwa ngongxamiseko kwigumbi lokubhalela iimviwo (*evacuate the examination venue*) okwethutyana elifutshane ngethuba leseshoni yoviwo. Iprothokholi yokukhutshwa ngongxamiseko makuxoxwe kuvunyelwane ngayo ngabo bonke abasebenzi nabagadi babaviwa abadlala indima ebalulekileyo ekuphonyezweni kwesicwangciso esimiselweyo.

5.4 Izikolo/amaziko akhuthazwa ukuba afumane iinkcukacha zoqhagamshelwano zabo bonke abazali/abagcini babafundi abangundoqo babaviwa ukuqinisekisa ukuba banokuqhagamshelana nabo kwimeko yongxamiseko. Ingcaciso mayilawulwe ngokungqinelana noMthetho *i-Protection of Personal Information Act, 2013 (Act 4 of 2013)*.

- 5.5 Zonke izikolo/onke amaziko kufuneka afumane iinkcukacha zoqhagamshelwano zamaziko eenkonzo zongxamiseko angawona akufutshane (*nearest emergency services*): iinkonzo zamapolisa, ezenqwelo yezigulane neenkonzo zohlangulo zomlilo (*police, ambulance, and fire rescue services*). Ezi nombolo zoqhagamshelwano mazifumaneke ngokulula ukulungiselela imeko yongxamiseko yaye mazifakwe kwisicwangciso sokuqulela okungekehli nakwifayili yeemviwo yesikolo/yeziko.
- 5.6 Iinqununu zicetyiswa ukuba zithethane nezitishi zezikhululo zamapolisa zengingqi ukucela ukuba zisoloko ziikeleza ngethuba lokubhalwa kweemviwo esikolweni/kwiziko.
- 5.7 Isicwangciso sokuqulela okungekehli masibandakanye ezi nkalo/le miba ilandelayo nakuba inokubakho neminye:
- 5.7.1 Umba/inkalo engayingxaki: Ukhuselelo/ukhuseleko nolawulo lwamasango okungena nokuphuma;
- 5.7.2 Umba/inkalo engayingxaki: Ukulawulwa kwesefu/kwegumbi elinqatyisisweyo;
- 5.7.3 Umba/inkalo engayingxaki: Unxibelelwano;
- 5.7.4 Umba/inkalo engayingxaki: Ukugadwa kwabaviwa;
- 5.7.5 Umba/inkalo engayingxaki: Ukulawulwa kwezitenxo;
- 5.7.6 Umba/inkalo engayingxaki: Abaviwa abanezithintelo ekufundeni abaneminyinyiva/abanemvume yokuxolelwa kwiimvavanyo (*accommodations/concessions*) abasebenzisa i-*ii-divayisi ii-electronic devices*, abafuna abantu bokubabhalela (*scribes*) abantu bokufundela abafundi (*readers*), okanye indawo yokubhalela uviwo ehlukeneyo (*separate venue*);
- 5.7.7 Umba/inkalo engayingxaki: Ukonakala kwekhompyutha ngethuba leemviwo;
- 5.7.8 Umba/inkalo engayingxaki: Ukucima kombane ngethuba loviwo umzekelo, kwi-*Computer Applications Technology (CAT) and Information Technology*;
- 5.7.9 Umba/inkalo engayingxaki: Imeko yongxamiseko phambi kokuba abaviwa bangene kwindawo yokubhalela uviwo; kunye
- 5.7.10 noMba/nenkalo engayingxaki: Imeko yongxamiseko lo gama abaviwa babhalayo.
- 5.8 ISebe leMfundo leNtshona Koloni (ISebe i-WCED) licebisa ngesicwangciso solawulo lweemiba engayingxaki nangesicwangciso sokuqulela okungekehli njengezikhokelo (**Annexure A and Annexure B**) ukwenzela ukuqulunqwa nokubhalwa kwezicwangciso zesikolo/zeziko ezichaziweyo.
- 5.9 Okuqhotyoshelwe kule ngcaciso imfutshane zizixhobo zokubeka esweni iimviwo (*monitoring instruments*) eziya kusetyenziselwa ukubeka esweni iimviwo zeNSC/zeSC noviwo lwe-CAT Paper 1 examination ukukwenzela lula (**Annexure C: WCED Instrument 2024/2025 no-Annexure D: CATN.1**). Iinqununu/abaphathi bamaziko banokuyifumana ingcaciso kwesi sixhobo ngethuba leeseshoni zabo zokucwangcisa xa besenza isicwangciso solawulo lweemiba engayingxaki nesicwangciso sokuqulela okungekehli.

6. Ukuthintela/ukuphelisa izitenxo

- 6.1 Ulawulo lwemiba engayingxaki kumele ukubandakanya izicwangciso zokuphelisa izitenxo.
- 6.2 Ezi zitenxo zilandelayo zenzeka ngethuba lesigaba sokubhalwa kweemviwo ze-NSC zangoNovemba 2023:

Udidi lwesitenxo
Abaviwa abaphethe iselula (isixhobo esiyidivayisi engagunyaziswanga) kubo.
Izinto/imathiriyeli zokubhala abanazo abaviwa ezingagunyaziswanga.
Abaviwa ababhala iphepha lemibuzo elingachanekanga okanye elenqanaba elingachanekanga
Ukusilela ukungqinisa amaphepha emibuzo akhutshwayo athelekiswa neleta yokwamkelwa komfundi eluviweni.
Ukungasebenzi kwemigaqo yolawulo nothintelo yokugadwa kwabaviwa (umzekelo umgadi wabaviwa omnye ngabafundi abayi-30)
Ukuzaliswa ngokungachanekanga kwerejista <i>eyi-script control register</i> , imakhishithi, nezicwangciso zokuhlaliswa kwabafundi.
Ukufakwa kwamaphepha kwiibhetshi ngokungachanekanga
Umntu ongumkhohlisi ozenza umviwa (<i>imposter</i>)

- 6.3 Ziyakhuthazwa iinqununu ukuba zixoxe yaye zivumelane ngemigaqo yeemviwo nabo bonke abafundi ngethuba lokubhalwa kweemviwo zokuzivavanya ukulungiselela iimviwo zokugqibela ngo-Oktobha/Novemba 2024. Ngethuba leemviwo zango-Oktobha/Novemba 2024 nangoMeyi/Juni 2025, kukhuthazwa ukuba abafundi bazisetshe ngokwabo ezipokothweni, kwiiphensilikheyisi zabo nakwizingxobo zabo apho bagcina khona iileta zokwamkelwa eluviweni.
- 6.4 Iinqununu/abaphathi bamaziko mababe nolwazi ngokuqulethwe ngala maxwebhu alandelayo.

INGcaciso eMfutshane	Isihloko	Isishwankathelo
INGcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0013/2017, yomhla we-24 Agasti 2017	Iindlela zokunciphisa izitenxo zovavanyo ngethuba leemviwo zikazwelonke	Isikhokelo sokuphelisa izithintelo nezohlwayo ezifanelekileyo kwizitenxo
INGcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0010/2021, yomhla we-30 Julayi 2021	Ukuthintelwa kwezitenxo ngethuba lokuqhutywa kweemviwo ze-NSC/SC	INGcaciso ngezitenxo nesikhokelo sokuthintela izitenxo ngethuba lokubhalwa kweemviwo ze-NSC/SC.

7. Kukhunjuzwa iinqununu/abaphathi bamaziko ukuba baphumeze ezi ngcebiso yaye bathomalalise iinkxalabo eziphakanyiswe ngabaphathi beesekethe, ngabaququzeleli bovavanyo, nangumququzeleli wephondo *oyi-provincial audit coordinator* ngethuba lokundwendwelwa kwezikolo ukulungiselela ukungqinisiswa kwazo (*audit verification visits*) ukususela ngoJuni ukuya kuSeptemba 2024. Oku kuya kuqinisekisa ukuba isikolo/iziko liyayithobela ngokupheleleyo imiqathango eziimfuno ezimiselweyo yaye zikulungele ukubhalisela iimviwo ze-NSC/SC zango-2024/2025.
8. Abaphathi beesekethe mabaqinisekise ukuba iinqununu/abaphathi bamaziko baphumeza ezi zicwangciso zokuthomalalisa imiba engayingxaki eqatshelweyo. Ingxelo ngokuqhubekayo engokuphunyezwa kwemigaqo yolawulo lwemiba engayingxaki nemisebenzi edweliswe kwisicwangciso *i-risk management plan* mayingeniswe ngokuqala ithunyelwe kwi-ofisi yomphathi wesekethe ukuya kumququzeleli wovavanyo phambi okanye ngowe-**19 Agasti 2024**.
9. Ikopi yesicwangciso *i-contingency plan* yesikolo/yeziko mayingeniswe kumphathi wesekethe nakumququzeleli wovavanyo wesithili phambi okanye ngowe-**11 Oktobha 2024**.
10. ISebe i-WCED linqwenelela okuhle iinqununu/abaphathi bamaziko kumalungiselelo okulawula iimviwo ze-NSC/SC ngo-2024/2025.

ISAYINWE: NGU-BJ LORISTON

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO

UMHLA: 2024-07-25